



**URhulumente
weNtshona Koloni**

EzoLimo

**Incwadi yokukhuthazwa koFikelelo kwiiNcukacha,
2017 equlunqwe ngokwemiqathango yecandelo 14
loMthetho iPromotion of Access to Information Act,
2000 yeSebe lezoLimo**

URhulumente weNtshona Koloni Ezolimo

2017

Okuqulathiweyo

1	INTSHAYELELO.....	3
2	UBUME BESEBE LEZOLIMO ukususela kumhla wokuQala kweyoKwindla kowama-2017 - icandelo 4 (1)(a)	4
3	IMISEBENZI YESEBE	Error! Bookmark not defined.
3.1	ULawulo lweNkqubo (INkqubo 1)	5
3.2	ULawulo lweZibonelelooluzinzileyo (INkqubo 2)	6
3.3	INkxaso noPhuhliso lwamafama (INkqubo 3)	7
3.4	Iinkonzo zonyango lwezilwanyana (INkqubo 4).....	7
	Injongo yeNkqubo kukubonelela iinkonzo zonyango lwezilwanyana kwiiklayenti ukuqinisekisa impilo entle yezilwanyana, imveliso ekhuselekileyo nentlalontle yabantu baseMzantsi Afrika 3.4.1 Impilo yezilwanyana 3.5.....	
	Iinkonzo zoPhando noPhuhliso lweThekhnoloji (INkqubo 5)	8
3.6	Iinkonzo zoQoqosho zezolimo (INkqubo 6)	9
3.7	Imfundo noQeqesho kwezolimo eCwangcisiweyo (INkqubo 7)	9
4	IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZEGOSA LENGCACISO - icandelo 14(1)(b)	11
5	ISIKHOKELO SEKHOMISHONI YAMALUNGELO OLUNTU – icandelo 14(1)(c)	11
6	IINKCUKACHA NGOMTHETHO IPROMOTION OF ACCESS TO INFORMATION ACT, 2002.....	12
6.1	IZIHLOKO NEENDIDI ZEEREKHODI ZESEBE – icandelo 14(1)(d)	12
6.2	IIREKHODI ZESEBE EZIFUMANEKA NGOKUZENZEKELA KUNGADANGAKA KWENZIWA SICELO SAZO – icandelo 14 (1)(e)	17
6.3	IINKONZO EZIFUMANEKAYO KULUNTU – icandelo 14(1)(f)	18
6.4	AMALUNGISELELO ENTATHO-NXAXHEBA YOLUNTU NGEENGCEBISO OKANYE NGOKUMELWA KWIMISEBENZI YOKUQULUNQA UMGAQO-NKQUBO OKANYE YOKUSEBENZA – icandelo 14(1)(g) 20	
6.5	IINDLELA EZIKHOYO ZOKULUNGISA IZINTO NGOKWEMITHETHO OKANYE INTSILELO EKWENZENI KWESEBE NGOKUFANELEKILEYO - icandelo 14(1)(h)	20
7	UKUFIKELELEKA NOKUFUMANEKA KWALE NCWADI – iCandelo 14(3)	20
	SIHLOMELO A: ISIKHOKELO NGENDLELA YOKUFIKELELA KWIIREKHODI NGOKUNGAZENZEKELIYO	21
	SIHLOMELO B: ITSHATHA YEENKONZO.....	25
	SIHLOMELO C: IFOMU A	26
	SIHLOMELO D: IFOMU B	30
	SIHLOMELO E: ISHEDYULI YEMIRHUMO	Error! Bookmark not defined.


1 INTSHAYELELO

- 1.1 UMgaqo-siseko woMzantsi Afrika, 1996 (uMgaqo-siseko) ubonelela ngelungelo lokufikelela kuzo naziphi na iinkcukacha ezigcinwe nguMbuso, elinemida ethile efanelekileyo, elibandakanya ukukhuselwa kweenkcukacha eziyimfihlelo.
- 1.2 INkundla yoMgaqo-siseko ayikutoliki ukuba nelungelo lofikelelo kwiinkcukacha njengelungelo lokufumana ufikelelo kwiinkcukacha zokwenza okanye zokukhusela ilungelo kuphela, koko nokuqinisekisa ukuba kukho ulawulo oluvulelekileyo noluthathela kulo uxanduva kuyo yonke imigangatho karhulumente.
- 1.3 ICandelo 32(1)(a) nele-(2) loMgaqo-siseko lifundeka ngolu hlobo:
- “(1) Wonk’ ubani unelungelo lokufumana –*
- (a) nayiphi na ingcombolo ekurhulumente; kunye*
- (b) nayo nayiphi na ingcombolo ekomnye umntu, efunekayo ukuze umntu akwazi ukusebenzisa okanye ukhusela amalungelo.*
- (2) Makuwiswe umthetho wepalamente wezwelonke ngenjongo yokufezekisa eli lungelo, kwaye loo mthetho unokutsho amanyathelo afanelekileyo amakathatyathwe okwnza lula umthwalo omayela nolawulo nezimali othwelwe ngurhulumente.”*
- 1.4 Isiphumo soku kuchazwe ngentla saba kukumiselwa koMthetho woKhuthazo loFikelelo kwiiNkcukacha, 2000 (PAIA). Injongo yePAIA kukumilisela ukusebenza ngendlela engafihlisiyo nokuthathan uxanduva kwamaqumrhu karhulumente nawabucala ngokunjalo nokuxhobisa nokufundisa abantu baseMzantsi Afrika ngamalungelo abo.
- 1.5 Le ncwadi iqulunqwe ngokwemiqathango yecandelo 14 le-PAIA ethi iSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho kufuneka libe nayo incwadi eyibeka phantsi ngokucacileyo, phakathi kwezinye izinto, ubume beSebe nemisebenzi, kubandakanya iirekhodi neenkonzco, nokunika uncedo kwinkqubo emayilandelwe ukuze iirekhodi neenkonzco zifikeleleke.

2 UBUME BESEBE LEZOLIMO ukususela kumhla wokuQala kweyoMdumba kweyoKwindla 2017

- icandelo 14 (1)(a))

Organisational Organogram



3 IMISEBENZI YESEBE

3.3 ULawulo lweNkqubo (INkqubo 1)

3.1.1 IOfisi yoMphathiswa: Ukumisa imigqaliselo nezikhokelo zezopolitiko ukuze kwaneziswe iimfuno zabaxhamli beenkonzo. (Ukulungiselela ukusebenza kakuhle kwe-ofisi yoMPHATHISWA.)

3.1.2 Abaphathi abakhulu: Ukuguqula imigaqo-nkqubo nezinto ezingundoqo ukuba zibe ziinkqubo-qhinga zonikezelo lweenkonzo olufezekileyo nokulawula, ukubeka esweni nokuqinisekisa intsebenzo egqibeleleyo.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukulawula imisebenzi yeSebe nokomeleza ulungelelwano phakathi kwamanqanaba karhulumente omathathu.

3.1.3 Iinkonzo eziManyanisiweyo: Ukulungelelanisa okanye ukunika inxaso efanelekileyo kwezinye iinkqubo eziphathelene nolawulo lwezabasebenzi nophuhliso lwabasebenzi, ukumenteyinwa kwenkxaso yamaziko nezibonelelo, iinkonzo zerejistri kunye nokhuselo nokhuseleko.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Izibonelelo neendawo zokuhlala ezimenteyinwa ngokugqibeleleyo ukuxhasa uhanjiso lweenkonzo olufezekileyo.

Ukuphumeza isicwangciso-qhinga sophuhliso lwabasebenzi ukuqwalasela umba wezakhono nezakhono ezifunekayo eSebeni nakwezolimo jikelele.

Ukuqinisekisa ukuba umsebenzi uyaqhuba nokuba kuye kwakho uphazamiseko ngenxa yeentlekele okanye ezinye iintlobo zeziphazamiso.

Ufezekiso olugqibeleleyo lolondolozo lwamandla kwiSebe liphela.

3.1.4 ULawulo lweMali: Ukunika inxaso efezekileyo (kubandakanya ukubek' esweni nolawulo) ngokuphathelene nohlahlo-lwabiwo-mali, ucwangciso-mali, ii-asethi ezinokufuduswa, inkonzo yezithuthi, ubonelelo nentengo kunye nezekhompnyutha.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ulawulo olulungileyo oluqinisekiswa ngolawulo lwezimali olufezekileyo kunye neenkqubo neesistimu zolawulo ngokweemfuno zohanjiso lweenkonzo zeSebe.

3.1.5 Iinkonzo zoNxibelelwano: Ukugxila kunxibelelwano lwangaphakathi nolwangaphandle lwesebe ngeenkonzoz zamajelo eendaba okubhaliweyo, okuthethwayo, okubonwa ngamehlo kunye ne-elektronikhi ngokunjalo nokumaketha kunye neentengiso zesebe.

Injongo yeNkqubo-qhinga :

Ukunika ingcaciso efezekileyo ngemisebenzi eyenziwa liSebe.

3.4 ULawulo lweZixhobo oluZinzileyo (Inkqubo 2)

Inkqubo: I-SRM ineenkono zokuxhasa onke amafama asePhondweni, yaye kubethelelwa ekumenteyineni nasekuphuculeni ezi zesikho zendalo ngokuphumeza iiprojekhthi, ukulandelwa kwemigaqo namaphulo onxibelelwano. Kwimizamo yalo yokuqinisekisa uzinzo kwezolimo, ligxile kumangenelelo ezifama. Iimpembelelo zemozulu ziza kuvakala kwi-SRM kuqala kunye neenguqu kwiindlela zokuxhasa amafama eziya kulinyanzela ukuba lihlale lithe qwa, liyila izinto.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Injongo yale Nkqubo kukunika inkxaso kumafama ukuqinisekisa uphuhliso oluzinzileyo nolawulo lwezixhobo nezibonelelo zolimo.

3.2.1 liNkonzo zeeNjineli: Ukubonelela ngenkxaso yezokunjiniyela (ucwangciso, uphuhliso, ukubeka esweni novavanyo) kwithekhnoloji yonkcenkcesho, iimatshini, ixabiso, iziseko zeefama, ulawulo lolondolozo lwezixhobo nezibonelelo nezixhobo.

Injongo yeNkqubo-qhinga 1:

Ukuphucula usetyenziso lomhlaba namanzi ngokugqibeleleyo nangokuzinzileyo eNtshona Koloni.

Injongo yeNkqubo-qhinga 2:

Ukunika inkonzo yokunjiniyela ukwandisa imveliso nokuhlola ukuba ukufama oku kungenzeka na..

3.2.2 LandCare: Ukukhuthaza usetyenziso nolawulo lwezibonelelo zendalo zolimo.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukukhuthaza ulondolozo lwezibonelelo zendalo.

3.2.3 ULawulo loSetyenziso loMhlaba: Ukukhuthaza uphunyezo losetyenziso nolawulo lwezibonelelo zendalo zolimo ngokulandela imiqathango yosetyenziso lomhlaba (uMthetho 43 ka-1983 noMthetho 70 ka-1970).

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukunika izimvo ngezicelo zokwahlula nokumisela umhlaba wolimo.

3.2.4 ULawulo loMngcipheko weeNtlekele: Ukunika inkxaso kwiiklayenti ephathelene nezolawulo lomngcipheko weentlekele kwezolimo.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukubonelela ngenkonzo yolawulo lweentlekele kwiiklayenti zethu, phambi nasemva kokwenzeka kwazo.

3.5 Ukuxhaswa nokuPhuhliswa kwamafama (Inkqubo 3)

Injongo yeNkqubo kukunika amafama inkxaso ngokumisela iinkqubo zophuhliso kwezolimo.

3.3.1 Umiselo noPhuhliso lwamafama: Ukuququzelela, ukuyondelelanisa nokunika amafama amafama asakhasayo nathengisayo ngophuhliso oluzinzileyo phakathi kwamaphulo eenguqu kwezolimo.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Inkqubo yokubuyiselwa komhlaba ngenkxaso yezolimo.

3.3.2 liNkonzo zoLwandiso neeNgcebiso: Ukwandisa nokunika iingcebiso kumafama.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukuqinisekisa ukuba amafama anamashishini anempumelelo ngokwandisa imveliso ukuze athengisele abemi belizwe athengise naphesheya.

3.3.3 Ukhuseleko lokutya: Ukuxhasa, ukucebisa nokuyondelelanisa uphunyezo lwentsika yokuqala ye--Integrated Food Security Strategy of South Africa (IFSS-SA).

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukuququzelela ukuqinisekisa ukuba abantu bafumana ukutya okundidi zahlukeneyo ngexabiso elifikelelekayo.

3.3.4 Casidra SOC Ltd: Ukuxhasa iSebe ngeprojekthi yophunyezo nolawulo lweefama zesizwe.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukuxhasa iSebe ngolawulo lweprojekthi neefama zesizwe.

3.6 liNkonzo zonyango lwezilwanyana (Inkqubo 4)

Injongo yenkqubo kukubonelela ngeenkonzo zonyango lwezilwanyana:

Injongo yeNkqubo-qhinga: Injongo yeNkqubo kukubonelela iiklayenti ngeenkonzo zonyango lwezilwanyana ngaloo ndlela kube kuqinisekiswa impilo entle yezilwanyana, ukhuseleko lwemveliso yezilwanyana nentlaontle yabantu baeMzantsi Afrika.

3.4.1 Impilo yezilwanyana

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukubonwa, ukuthintelwa nokulawulwa okanye ukutshitshiswa kwezifo zezilwanyana.

3.4.2 Ukuthunyelwa kwemveliso kwamanye amazwe

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukwenza imeko yokuqinisekiswa kwezilwanyana ezisuka kwiPhondo leNtshona Koloni neemveliso zazo ilunge/ifaneleke.

3.4.3 Impilo nonyango lwezilwanyana

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukufezekisa indima yogunyaziso lomthetho ngokuphumeza uMthetho iMeat Safety Act (uMthetho 40 ka-2000), uMthetho i-Animal Diseases Act (uMthetho 35 ka-1984) neminye imithetho echaphazelekayo.

3.4.4 Iinkonzo zelaboratri zezilwanyana

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukubonelela ngenkonzo efezekileyo nefanelekileyo yokuxilonga izilwanyana.

3.7 Iinkonzo zoPhando noPhuhliso lweThekhnoloji (INKqubo 5)

Injongo yeNkqubo kukubonelela ngeenkonzo zophando nezihamba ngokweemfuno, uphuhliso nogqithiso lwethekhnoloji ezineempembelelo kwiinjongo zophuhliso.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukunabisa iindlela zokufikelela kwamafama neeklayenti kwiinkcukacha zeziphumo zophando nokuphucula amalinge onxibelelwano olutheknikhali eSebe.

Injongo yeenkqutyana yiyo le ngezantsi:

3.5.1 Uphando:

Ukuququzelela, ukwenza nokuyondelelanisa uphando kunye nokuthatha inxaxheba kwiiprojekththi zophuhliso ezichaphazela iindawo ezininzi.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

- Ukwenza uphando ngezolimo nophuhliso lwethekhnoloji
- Ukwandisa iindlela zokunciphisa nokulungelelanisa utshintsho lwemozulu ukulungiselela amafama
 - Ukubonisana namahlakani entsebenziswano ukuze kuvunyelwano ngezona mfuno zingundoqo zilungele uphando.

3.5.2 Iinkonzo zoweliso lweThekhnoloji:

Ukusasaza iinkcukacha ezingophando nophuhliso lwethekhnoloji kwiiklayenti.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukwandisa iindlela zokufikeleleka kweenkcukacha zesayensi nezitheknikhali ezingeendlela zokuvelisa kwezolimo kumafama nakwiiklayenti.

3.5.3 INkonzo yeNkxaso ngeZibonelelo: ukubonelela nokumenteyina izibonelelo ezisetyenziswayo emsebenzi wophando neminye imisebenzi, oko kukuthi, iifama ezisetyenziselwa uphando.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukwandisa inkxaso kwizibonelelo zeefama kumsebenzi wophando neenkono zesebe.

3.8 Iinkonzo zoQoqosho kwezolimo (Inkqubo 6)

Injongo yeNkqubo kukunikezela inkxaso efanelekileyo yoqoqosho kwezolimo ngethuba ngelixhasa uphuhliso oluzinzileyo kwezolimo noshishino ukwandisa ukukhula kqoqosho.

Injongo yenkqutyana yile ilandelayo:

3.6.1 Uphuhliso neNkxaso kwezolimo noShishino:

Ukubonelela ngenkxaso kushishino lwezolimo ngophuhliso loosomashishini, iinkono zokumaketha, ixabiso, imveliso nezixhobo zezoqoqosho.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukubonelela amahlakani entsebenziswano ngeengcebiso ngezozoqoqosho kwezolimo.

3.6.2 Inkxaso yezoqoqosho: Ukubonelela ngeenkukacha nolwazi ngezozoqoqosho namanani ngokusebenza kwehlelo lezolimo ukuze izigqibo ezithathwayo nezicwangciso ezeziwayo zisekelwe phezu kolwazi olugqibeleleyo.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Iindlela zokuzuzisa iinkukacha nolwazi ezisetyenzisa ukuxhasa ukuthathwa kwezigqibo.

3.9 Imfundo noQeqesho kwezolimo ngendlela ecwangcisiweyo (Inkqubo 7)

Injongo yeNkqubo kukumisela nokucwangcisa imfundo noqeqesho kwezolimo kubo bonke abathathi-nxaxheba kwizinto ezidibene nolimo ngokuhambelana neSicwangciso-qhinga seMfundo noQeqesho sezolimo ukuze limiselwe ngolwazi, libe nempumelelo yaye likwazi ukumelana nabanye abakwakweli candelo jikelele.

Injongo yenkqutyana yile ilandelayo: **3.7.1 Imfundo ePhakamileyo noQeqesho (HET):**

Ukubonelela ngemfundo ephakamileyo noqeqesho NQF inqanaba 5 nakumphi na umntu owanezisa iimfundo kwizifundo kwicandelo lezolimo namanye asondeleyo.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukubonelela ngemfundo ephakamileyo noqeqesho NQF inqanaba 5 nakumphi na umntu ozanezisayo iimfundo zezifundo kwicandelo lezolimo namanye amacandelo asondeleyo.

3.7.2 Imfundo ePhakamileyo noQeqesho (FET): Ukubonelela ngoqeqesho kwi-NQF inqanaba 1 ukuya ku-4 ngeenkqubo zemfundo noqeqesho ezicwangcisiweyo ze-FET kubo bonke abathathi-nxaxheba kwicandelo lezolimo. Iinkqubo-qhinga zicwangciswe ngokwenkqutyana nganye.

Imfundo ePhakamileyo noQeqesho:

Ukubonelela ngoqeqesho kwi-NQF inqanaba 1 ukuya ku-4 ngeenkqubo zemfundo noqeqesho ezicwangcisiweyo ze-FET kubo bonke abathathi-nxaxheba kwicandelo lezolimo..

3.8 UPuhliso lwaMaphandle (INKqubo 8)

Injongo yeNkqubo kukucwangcisa iinkqubo zophuhliso ngokusebenzisana namahlakani entsebenziswano emaphandleni.

Injongo yenkqutyana yile ilandelayo:

3.8.1 Ucwangciso loPuhliso lwaMaphandle:

Ukuyila, ukucwangcisa nokubeka esweni upuhliso kumaphandle athile (iisayithi ze-CRDP) kuwo omathathu amanqanaba karhulumente ukuze kuqwalaselwe iimfuno ezikhonjiweyo.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukucwangcisa ngempumelelo uphunyezo lwe-CRDP kazwelonke kwiindawo ezisemaphandleni ezikhethiweyo eNtshona Koloni.

3.8.2 Intsebenziswano noluntu:

Ukubonisana nabahlali ngezinto ezingundoqo kubo nokumisela imibutho yasekuhlaleni (ezimeleyo, njlnjl) nokuyinika inkxaso.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukuqinisekisa ukubandakanywa komntu wonke namalinge ophuhliso, njengenxalenye ye-CRDP, kwiindawo ezisemaphandleni ezikhethiweyo eziseNtshona Koloni.

3.8.3 Ukuphuhliswa koMsebenzi wasefama:

Ukuphucula indlela ababonwa ngayo abasebenzi kunye neemeko abasebenza phantsi kwazo bona neentsapho zabo ngokusungula amaphulo oqeqesho nophuhuiso, ngaloo ndlela kuphuculwa umgangatho wobomi babo.

Injongo yeNkqubo-qhinga:

Ukuphucula indlela ababonwa ngayo abasebenzi kunye neemeko abasebenza phantsi kwazo bona neentsapho zabo ngokusungula amaphulo oqeqesho nophuhuiso, ngaloo ndlela kuphuculwa umgangatho wobomi babo.

4 IINKCUKACHA ZOQHAGAMSEHWANO ZEGOSA LEENKCUKACHA NESEKELA-GOSA

NEENKCUKACHA – icandelo 14(1)(b)

Adv. B Gerber

1st Floor

15 Wale Street

Cape Town

8000

Inombolo yomnxeba: 021 4836032

Ifeksi: 021 4833300/4715

I-imeyili: Brent.Gerber@westerncape.gov.za

IINKCUKACHA ZOQHAGAMSEHWANO ZESEKELA-GOSA LENGCACISO: ICANDELO 14(1)(B)

Nksz Joyene Isaacs

INTloko: ISebe lezoLimo leNtshona Koloni

URhulumente weNtshona Koloni

Private Bag X 1 / Muldersvlei Road

ELSENBURG

7607

Inombolo yomnxeba: 021 808 5004

Ifeksi: 021 808 5000483 6412

I-imeyili: joyenei@elsenburg.com

ISIKHOKELO SEKHOMISHONI YAMALUNGELO OLUNTU – icandelo 14(1)(c)

5.1.1 Ikhomishoni yaMalungelo oLuntu ihlala ihlaziya yaye ikhupha isikhokelo esiqulunqileyo isiqulunqe ngokwemiqathango yecandelo 10 lePAIA elazisa abantu ngezi zinto:

- okuqulethwe nguMthetho iPromotion of Access to Information Act (PAIA) nokuba bangawaxhamla njani amalungelo abo ngokwale mithetho mibini.
- iinkcukacha zoqhagamshelwano zegosa leenkukacha nesekele-gosa leenkukacha (ukuba likho) ngawo onke amaqumrhu karhulumente alungiselelwe uluntu kunye noncedo abangabanika lona abantu;
- indlela yokufikelela kumaziko oluntu; kunye
- namanyathelo omthetho alandelwayo ukulungisa izinto ukuba kuthe kwakho intsilelo ekulandeleni umthetho ngokwePAIA

5.1.2 Yonke imibuzo malunga nokuba singafumaneka phi nanjani esi sikhokelo mababhekiswe apha:

IOfisi yeKhomishoni yaMalungelo oLuntu	
Inombolo yomnxeba	+27 11 877 3900
Ifeksi	+27 11 403 0684
Idilesi ye-imeyili	PAIA@sahrc.org.za
Idilesi yeposi	Iyunithi yePAIA: Promotion of Access to Information Private Bag 2700 Houghton 2041
Isitalato	South African Human Rights Commission 33 Hoofd Street Braamfontein 2017 JOHANNESBURG
Iwebhusayithi	www.sahrc.org.za

5.1.3 **Isihlomelo A** sale ncwadi sikwanazo neenkukacha zendlela yokufikelela kwiirekhodi zeSebe, inkqubo yalo yokubhena, okanye ukwenza isicelo senkundla ukuchasa izigqibo zeGosa leNgcaciso okanye zeSekela-gosa leNgcaciso, ngokombandela lowo.

5 IINKUKACHA NGOMTHETHO IPROMOTION OF ACCESS TO INFORMATION ACT, 2002

5.3 IZIHLOKO NEENDIDI ZEEREKHODI ZESEBE – icandelo 14(1)(d)

ISebe ligcina iirekhodi zezi zihloko neendidi zilandelayo:

Iindidi nezihloko	Kufuneka isicelo kule nkqubo
<ul style="list-style-type: none"> • Iiplani zeefayili • Irejista yezinto ezingenayo neziphumayo • Irejista yeefayili • Izivumelwano zenqanaba lenkonzo • Iingxelo zophicotho-zincwadi • Iivawutsha zentlawulo • Iifayili zemivuzo 	Inkqubo 1

<ul style="list-style-type: none"> • Irejista yee-asethi • Amabango e-S&T • liOdolo • lirisithi • li-Invoyisi • linkcazo-mali neengxelo • BAS (Basic Accounting Systems) • likowuti • Imizuzu yeentlanganiso zekomiti yeethenda • Izivumelwano zethenda • Ukumenteyinwa kweefayili: izibonelelo ze-IT • Uluhlu lwabanikezeli benkonzo • Ingxelo zovavanyo lweethenda • Izicelo: i-imeyili • Ubume beSebe 	
<ul style="list-style-type: none"> • lifayile zeeProjekti zeeNkonzo zoBunjini ezinikezelwayo (kuzo zozithandathu izithili) • lifayile zeprojekti zeprojekti zeLandCare (kwizithili zozithandathu) • Ubungqina (APP) • Ukufunda usengqeshweni • UNcedo lwentlekele olunikezelweyo • Izicelo zolwahlulo kunye/okanye ukucandwa ngokutsha komhlaba wolimo • IIBhidi • Imizuzu yeKomiti yoLungelelwaniso kuManzi ezoLimo • Amacandelo ombutho • Uluhlu lwabasebenzi • Izivumelwano zokusebenza • Ingxelo zovavanyo lomsebenzi • Irejista yeefayile • Irejista yempahla • Amabango eS & T • likowuti • Imizuzu yeKomiti yoNxibelelwano lwaManzi yePhondo • IKomiti yeQhinga lokuNikezelwa kwaManzi kwi-WC • Iiprojekti zokufunda ngamanzi 	Inkqubo 2
<ul style="list-style-type: none"> • IiFayile yeeProjekthi zeNkqubo (kuzo zozithandathu izithili) • Ubungqina (APP) • IiNtlanganiso zoLwabiwo lweProjekti yeSebe (DPAC) • IiFayile zeMpahla • IiNtlanganiso zeKomiti yoLwabiwo lweMpahla yeProjekti • iSmart Pen / iFayile ye-Xcallibre • iManstrat • INkqubo yeNkxaso eBanzi yezoLimo (CASP) • Ukwandiswa kweNkqubo yoVuselelo ngokutsha (ERP) 	Inkqubo 3

<ul style="list-style-type: none"> • Ilima Letsema • IKhomishoni yeNkonzo kaRhulumente • Ukwenziwa kwamalinge • Ukuncedwa ngonamava • IQela loMsebenzi lamaSebe ngoKhuseleko loKutya • IKomiti yePhondo yoQuquzelelo lokuBuyiselwa koMhlaba • IKomiti yeMinikelo yePhondo (DRDLR) • Casidra 	
<ul style="list-style-type: none"> • linkcukacha zabathengi • lingxelo zelebhu • lziphumo zophando • liNgxelo ze-Ephidemiyo • Ukufayilisha (Ukugcinwa kweerekhodi kubandakanywa iifayile zabasebenzi) • Uluhlu lwezilarha zokuxhela ezibhalisiweyo • Uluhlu lwabahloli abagunyazisiweyo benyama • Uluhlu lwezityalo zeSterilisation • Uluhlu lwezilarha zokuxhela ezamkelweyo zilungiselelwe uthengiso lwezikhumba neemfele kumazwe angaphandle • Uluhlu lweevenkile ezikwinqanaba eliphakathi lezikhumba neemfele zokuthunyelwa kwamanye amazwe • INgxelo yoNyaka yeMpilo yeZilwanyana • lingxelo ngokuqhambuka kwezifo zezilwanyana • Ingxelo yokubalwa kwezilwanyana • IziCwangciso zokunokwenzeka kwizifo zezilwanyana noMgangathoneenkqubo • lingxelo ngezifo zezilwanyana eziboniweyo • lingxelo ngothintlo lwezifo zezilwanyana nokugonywa • linkcukacha zeerekhodi zokuthunyelwa nentengo kwamanye amazwe 	<p style="text-align: center;">Inkqubo 4</p>
<ul style="list-style-type: none"> • liprojekti zophando • Ubungqina (APP) • Ukufayilisha ngokubanzi (Ukugcinwa kwerekhodi iifayile zabasebenzi, ezeselula, njl.njl) • Imizuzu yeentlanganiso zabasebenzi • lirekhodi ngomhlaba, amanzi, izityalo nezilwanyana nokuhlalelwa kokutya kwezilwanyana • lintlanganiso zekomiti yophando lweSebe • Izicelo zomsebenzi zololongo lwefama • Ukumenteyinwa koluhlu lokumiliselwa nokuphunyezwa kweeprojekti liSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu • lingxelo, iinkcukacha zamanani • 	<p style="text-align: center;">Inkqubo 5</p>
<ul style="list-style-type: none"> • limvavanyo zoBuyiselo loMhlaba • limvavanyo zamafama asakhasayo • limvavanyo zamafama antsundu • Ukuthengwa kweenkcukacha zolwazi 	<p style="text-align: center;">Inkqubo 6</p>

<p>ezihlawulelwayo rhoqo ngenyanga</p> <ul style="list-style-type: none"> • linkcukacha zeQuantec • linkcukacha zeechnofresh 	
<ul style="list-style-type: none"> • lirekhodi zabamkelweyo/ abathweswe izidanga • lifayile zentlawulo yeLogis • lifayile zekhefu • lifayile zeebhasari • Amaphepha eemviwo • Amaphepha eempedulo zeemviwo • lifayile zobudlelwane engqeshweni • lifayile zeeHostele • Inkcukacha zamanani abafundi • lifayile zabafundi • lifayile ngemiba enxulumene nabafundi • Izivumelwano zeethenda • Iziphumo zeemviwo • Ingcaciso ngokutyisa • Iingxelo zemali • lifayile zee-invoyisi namabango • lifayile zoLawulo lwamaZiko <ul style="list-style-type: none"> • Amabango e-S & T • Irejista yee-asethi • Imoto zikarhulumente • Imizuzu yeentlanganiso zabasebenzi • Imizuzu yeeNtlanganiso zooSihlalo bamaSebe • Iintlanganiso zamanqaku • IProspekththasi • Inkqubo yokuzivavanya • Ukuvavanywa kweSifundo • lifayile zezifundo zethuba elifutshane • lifayile zeekowuti • Imidlalo nolonwabo lwabafundi • Ifayile yokwenzakala engqeshweni • Intengiso • IiThusong, imiboniso nemiboniso yeengcaciso ngamakhondo omsebenzi 	<p style="text-align: center;">Inkqubo 7</p>

<ul style="list-style-type: none"> • Ifayile zeNkqubo yeProjekti (onke amawodi eCRDP asebenzayo) • Ubungqina (APP) • IiNtlanganiso zoLwabiwo lweProjekti yeSebe (DPAC) • Iintlanganiso zeKomiti yoQuquzelelo lwamaSebe • PSO 11: Iintlanganiso zeqela lokuSebenza lesi-4 • Casidra • Iinkcukacha zeeklayenti • Izicwangciso zoshishino • Isivumelwano senqanaba lenkonzo • Iingxelo • Iintlawulo • Irejista yempahla S & T Claims • Ifayile ye-invoyisi namabango • Uweliselo lweentlawulo • Ukhuphiswano lomsebenzi wasefama wonyaka • Indibano yengxoxo yabasebenzi basefama (kwiSizwe nakwiPhondo) • Irejista yokuthunyelwa komsebenzi wasefama • Transfer payments • Farm Worker of the Year Competitions • Farm Worker Summits (National and Provincial) • Farm Worker Referral Register • Imizuzu yeentlanganiso zabasebenzi • Ifayile zeprojekti yeNkqubo (kuzo zozi-6 izithili) • Ubungqina (APP) • IiNtlanganiso zoLwabiwo lweProjekti yeSebe (DPAC) • Ifayile zeentlawulo zeLogis • Ifayile zobudlelwane engqeshweni • Ingcaciso yokutyisa • Iingxelo zemali • Iingxelo zenyanga • Iingxelo zekota • Ifayile ye-invoyisi namabango • Ifayile zoLawulo lweZibonelelo • Amabango e-S&T • Irejista yee-asethi • Izithuthi zikarhulumente 	<p>Inkqubo 8</p>
---	------------------

**5.4 IIREKHODI ZESEBE EZIFUMANEKA NGOKUZENZEKELAYO KUNGADANGA KWAFAKWA
SICELO – icandelo 14 (1)(e)**

INGCACISO NGEENDIDI ZEEREKHODI EZIFUMANEKA NGOKUZENZEKELA NGOKWEMIQATHANGO 15(1)(A)(III)	
<p>(a) Iibhrowutsha ngezihloko ezinxulumene nezolimo</p> <p>(b) Upapasho, iiphamflethi, Amaphetshana eendaba, iiphowusta</p> <p>(c) Yonke ingcaciso ikwi-webhusayithi</p>	<p>likopi zezi rekhodi zifumaneka simahla kule dilesi: Agriculture Branch, Private Bag X1, Muldersvlei Road, Elsenburg</p> <p>Le ngcaciso ilandelayo iyafumaneka kwiwebhusayithi (www.elsenburg.com):</p> <ul style="list-style-type: none"> – Malunga neSebe – Imisitho – Amajelo eendaba – iRediyo Elsenburg – Ikhalenda yemisitho – Iinkonzo – Uphuhliso lophando – Amaziko ophuhliso lwezolimo – Amaxwebhu engcaciso – Iziko loQeqesho iElsenburg

Ezi ngxelo zilandelayo ziyafumaneka ukuba ubani angazihlola ngokwemiqathango yecandelo 15(1)(a)(i) yaye ngokwemiqathango yecandelo 15(1)(a)(ii) zingakotshwa. Amaxwebhu aphawulwe ngeasterikhi afumaneka simahla ngokwemiqathango yecandelo 15(1)(a)(iii) kwiwebhusayithi ethi: www.elsenburg.com

Ingcaciso ngeendidi zeerekhodi ezifumaneka ngokuzenzekela ngokwemiqathango 15(1)(a)	Indlela ekufikelelwa ngayo kwicandelo leerekhodi zecandelo 15(1)(b)
<p>(a) IiNgxelo zoNyaka *</p> <p>(b) IZicwangciso-qhinga zeMinyaka emihlanu (5) *</p> <p>(c) Ubume beSeme *</p> <p>(d) IiNgxelo eziya kubemi *</p> <p>(e) ITshatha yoHanjiso lweeNkonzo *</p>	<p>Iyafumaneka kwiwebhusayithi yeSebe: www.elsenburg.com</p>

5.4.1 IINKONZO EZIBONELELWA ULUNTU LISEBE – icandelo 14(1)(f)

ISebe lezoLimo lineeklayenti zangaphakathi nezangaphandle.

liklayenti zangaphakathi zibandakanya iNkonzo neSebe lezoLimo, abaphathi abakhulu beSebe, amanye amacandelo namacandelwana olawulo eSebe (umz. abaphandi-lwazi, amagosa axandileyo nabasebenzi abangabaqeqeshi).

liklayenti zangaphandle zibandakanya amafama (abalimi namanye amaqumrhu), abahlali basemaphandleni, abathengi beemveliso zolimo, amanye amasebe karhulumente, iiprocesa, abarhwebi nabathengisi bezinto bezilimo nemfuyo, amaziko ezimali, abarhwebi abangamahlakani baphesheya, imibutho/amaqumrhu angekho phantsi kolawulo lukarhulumene, amaziko oqeqesho emfundo ephakamileyo, abanye abalimi, abacwangcisi bedolophu, abacebisi, abasebenzi basezifama, abalimi bemimandla yeedolophu, oogqirha bezilwanyana abazimeleyo, amaqumrhu olondolozo lwendalo, iithrasti zophando, iibhodi zomthetho, abafundi noomasipala.

ISebe libonelela ngeenkono ezicelwe ziiklayenti okanye ngokuzithengisa ebantwini ngqo, ngeemini zeendibano zamafama, iiseshini zolwandiso nange-intanethi. Kufuneka zisetyenziswe ngokugqibeleleyo iindlela-ndlela zokulithengisa iSebe nokuhambisa iinkono ngokufezekileyo ukwanezisa iimfuno zabathengi kodwa ke oko kwenziwe kugqaliwe ukuba imali iyavuma na yaye bakho na nabantu bokuwenza umsebenzi lowo. Kambe kufuneka kugqalwe ukuba kwisithuba seenkonzo kusetyenzwa ngokwahlukileyo – phakathi komthengisi nomthengi, iklayenti ithembele kwiingcebiso zomthengisi, yona iklayenti ibe ikhetha unxibelelwano ngqo nesebe.

Ikopi yeTshatha yeeNkonzo iqhotyoshelwe njengeSihlomelo B yaye oyifunayo angayifumana kule linki ingezantsi:

<http://www.elsenburg.com/resource-library/official-publications>

Iinkonzo ezibonelelwa liSebe lezoLimo	Ufikelela njani kwezi nkonzo
<p>ISebe lezoLimo lineeklayenti zangaphakathi nezangaphandle.</p> <p>liklayenti zangaphakathi zibandakanya iNkonzo neSebe lezoLimo, abaphathi abakhulu beSebe, amanye amacandelo namacandelwana olawulo eSebe (umz. abaphandi-lwazi, amagosa axandileyo nabasebenzi abangabaqeqeshi).</p> <p>liklayenti zangaphandle zibandakanya</p>	<p>Nantsi iwebhusayithi weSEBE LEZOLIMO</p> <p>https://www.westerncape.gov.za</p> <p>Lifumane kule phothali iSebe lezoLimo</p> <p>http://www.elsenburg.com</p>

amafama (abalimi namanye amaqumrhu), abahlali basemaphandleni, abathengi beemveliso zolimo, amanye amasebe karhulumente, iiprosesa, abarhwebi nabathengisi bezinto bezilimo nemfuyo, amaziko ezimali, abarhwebi abangamahlakani baphesheya, imibutho/amaqumrhu angekho phantsi kolawulo lukarhulumene, amaziko oqeqesho emfundo ephakamileyo, abanye abalimi, abacwangcisi bedolophu, abacebisi, abasebenzi basezifama, abalimi bemimandla yeedolophu, oogqirha bezilwanyana abazimeleyo, amaqumrhu olondolozo lwendalo, iithrasti zophando, iibhodi zomthetho, abafundi noomasipala. ISebe libonelela ngeenkonzong ezicelwe ziiklayenti okanye ngokuzithengisa ebantwini ngqo, ngeemini zeendibano zamafama, iiseshini zolwandiso nange-intanethi. Kufuneka zisetyenziswe ngokugqibeleleyo iindlela-ndlela zokulithengisa iSebe nokuhambisa iinkonzong ngokufezekileyo ukwanezisa iimfuno zabathengi kodwa ke oko kwenziwe kugqaliwe ukuba imali iyavuma na yaye bakho na nabantu bokuwenza umsebenzi lowo. Kambe kufuneka kugqalwe ukuba kwisithuba seenkonzo kusetyenzwa ngokwahlukileyo – phakathi komthengisi nomthengi, iklayenti ithembele kwiingcebiso zomthengisi, yona iklayenti ibe ikhetha unxibelelwano ngqo nesebe.

Zonke iinkonzong zingafumaneka ngokuqhagamshelana neSebe apha:

Inombolo yomnxeba: 021-8085111

/

021-8085111

IFEKSI: 021- 8085120

Iwebhusayithi:

<http://www.elsenburg.com>

**5.4.2 AMALUNGISELELO ENTATHO-NXAXHEBA YOLUNTU NGEENGCEBISO OKANYE
NGOKUMELWA KWIMISEBENZI YOKUQULUNQA UMGAQO-NKQUBO OKANYE
YOKUSEBENZA – icandelo 14(1)(g)**

Imigaqo-nkqubo yePhondo enoempembelelo zangaphandle iza kufuna intatho-nxaxheba yoluntu yaye loo nkqubo iya kuhamba ngokwendlela ecwangcisiweyo yaza yavunywa nguMphathiswa ngokwemeko nemeko.

**5.5 IINDLELA EZIKHOYO ZOKULUNGISA IZINTO NGOKWEMITHETHO OKANYE INTSILELO EKWENZENI
KWESEBE NGOKUFANELEKILEYO - icandelo 14(1)(h)**

Umthetho osebenzayo kweli Sebe (njengoko ubekiwe kwiSicwangciso sokuSebenza soNyaka seSebe¹) ungabonelela ngenkqubo yangaphakathi yophononongo okanye yokubhena. Ukuba akukho sisombululo sifumanekayo ngokwale nkqubo okanye akukho malungiselelo wambi ezenziweyo ngenkqubo le, kungabhenelwa enkundleni ukuba inike umyalelo ofanelekileyo.

Ukuba kukho imibuzo, izikhalazo okanye izimvo malunga nohanjiso lweenkonzo zeSebe lezoLimo makwenziwe ngolu hlobo:

Iimeyili: info@elsenburg.com

Yiza eziofisini zethu : Muldersvlei Rd, Elsenburg, eStellenbosch

Sitsalele apha: 021 808 5111; (ngoMvulo - ngoLwesihlanu 08:00 kusasa – 4.30 malanga

6 7 UFIKELELO NOKUFUMANEKA KWALE NCWADI – Icandelo 14(3)

7.1 Incwadi le ifumaneka ngesiNgesi yaye phakathi kwentsimbi ye-8 kusasa neye-4.30 malanga ngoMvulo ukuya kutsho ngoLwesihlanu (ngaphandle kwangeeholide) umntu angeza kuyijonga eofisini yeSekela-gosa leNgcaciso uNksz J Isaacs kwiSebe lezoLimo leNtshona Koloni eMuldersvlei Road, e-Elsenburg.

7.2 Ubani ofuna ukuzifundela incwadi le angayifumana kule webhusayithi:

<http://www.elsenburg.com>

¹ Ifumaneka kule dilesi ithi <https://www.westerncape.gov.za/documents/plans/2016>

ISIHLOMELO A:

ISIKHOKELO NGOFIKELELO KWIIREKHODI NGOKUNGAZENZEKELIYO

1 UKUGCWALISWA KWEFOMU YESICELO, INTLAWULO YEMIRHUMO neFOMU YOFIKELELO – icandelo 18, 19, 22, 29 nelama-31.

1.1 Ifomu yesicelo

- Kufuneka kugcwaliswe ifomu yesicelo efanelekileyo (eqhotyoshelwe njenge**FOMU A**) ngulowo wenza isicelo ze ingeniswe kwiGosa leeNkcukacha/iSekela-gosa leeNkcukacha.
 - Ukuba umfaki-sicelo akakwazi kufunda okanye kubhala okanye kuyigcwalisa ifomu ngenxa yokuba ekhubazekile, angasenza ngomlomo isicelo. IGosa leeNkcukacha/iSekela-gosa leeNkcukacha liya kuyigcwalisa ke egameni lomfaki-sicelo iFomu A, liya kuyigcina ikopi yokuqala ze limnike enye ikopi umfaki-sicelo.
 - Isicelo singakwa ngomnye egameni lomnye kodwa kufuneka oko kubhalwe kuFomu A ukuqondisa.

1.2 Imirhumo

- Imirhumo yezicelo neyokukhangela iirekhodi, ngokunjalo nokwenza iikopi, ibhalwe phantsi kwemigaqo eyenziwe ngokwemiqathango yePAIA. (**ISHEDYULI YEMIRHUMO** iqhotyoshelwe). Yiyo le ngezantsi imirhumo ekhutshwayo:
 - Umrhumo ngama-R35.00 ngesicelo ngasinye;
 - Umrhumo wexesha elithathwayo ukukhangela/ukuphanda nokucwangcisa irekhodi, ukuba lingaphezulu kweyure. Kusengathwa kufuneka kukhutshwe isithathu somrhumo xa uphelele. Kambe, umrhumo lowo kufuneka ukhutshwa phambi kokuba inikwe imvume;
